

# ITSHATA YOKUHANJISWA KWEENKONZO KWISEBE LOPHUHLISO LOLUNTU

**UMBONO WETHU** : Luluntu Oluphila ngokuzimela

**INJONGO YETHU** : Kukuqinisekisa ukunikezelwa kothotho nembumba yeenkonzo zophuhliso loluntu ezivuselela ezixhobisa abantu abahlelelekileyo, abasemngciphekweni kwakunye nabanezidingo ezizodwa

**IMIGQALISELO YETHU** : Eyona migqaliselo iphambili kaRhulumente weNtshona Koloni, eliyithobelayo eliSebe, injengokuba idwelisiwe ngezantsi apha:

Inkathalo · Isakhono · Ukuthabathela uxanduva · Isidima · Ukusebenza ngokwahlukileyo · Ukuphendula

| | |
|---|---|
| Amaziko Ononophelo Lwabantwana Nolutsha | Kukunikezela ngononophelo nenkxaso eyiyenye kubantwana abakumaZiko ohlukeneyo Ononophelo Lwabantwana Nolutsha ngokwemigaqo yomthetho iChildren's Act 35, ka -2008. |
| Amaziko Ononophelo Olukhuselekileyo Kubantwana Nolutsha | Kukunikezela ngeenkonzo zononophelo lwendawo yokuhlala kubantwana nolutsha olusalinde ukuxoxwa kwamatyala alo ngokwemigaqo yomthetho iChildren's Act 35 ka-2005 kwanabantwana abasele begwetyiwe ngokwemigaqo yomthetho iChild Justice Act, 75 ka-2008. |
| Uthintelo Lolwaphulo-mthetho Nenkxaso | Zinciphisa imiba enegalelo kulwaphulo-mthetho eluntwini kwanokunciphisa ukuphinda koniwe ngokwenkqubo esebenzayo yeenkonzo zoluleko kubo bonke abantwana, ulutsha nabantu abadala abasemngciphekweni. |
| Iinkonzo Kubantu Abakhubazekileyo | Kukunikezelwa kweenkonzo zononophelo nokuhlaliswa kubantwana nabantu abadala abakhubazeke ngokumandla kwanabo bakhubazeke kakhulu ngokwasengqondweni. |
| Ukusetyenziswa Gwenxa Kweziyobisi | Kukunikezela ngeenkqubo zokunyangwa nokuhlaliswa kumaziko anyanga abantwana nabantu abadala abasebenzisa gwenxa iziyobisi (ngokuzifunela nangokwemigaqo yemithetho). |
| Ukwamkela | Kukunikezela inkonzo eqhuba iiyure ezingama-24 ngosuku zokwamkelwa kwabantwana nolutsha olunezidingo zononophelo nokhuselo. |
| Ukuqinisekiswa Komgangatho | Kukunikezela isikhokelo esiluqilima nesizinzileyo sokuvavanywa kweenkonzo ezijolise ekuphuculeni umgangatho weenkonzo ezinikezelwa yimibutho yononophelo lwabantwana nolutsha. |

**SIKUXABISILE UKUFIKELELEKA**

Yiyo ke le nto izakhiwo zethu zifikeleleka kubantu abakhubazekileyo.

**ICANDELO LOLAWULO LWAMAZIKO**

Idilesi Yesitalato: kuR101, kuMgaqo i-Old Paarl
De Novo Hub
eKraaifontein, 7570

Umnxeba: 021 826 6040
I-email: Marshionette.Jonkerman@westerncape.gov.za
Kwamkelwa iiyure ezingama-24: De Novo Hub
Umnxeba: 021 826 6050; 067 429 0974
I-email: Charlotte.September@westerncape.gov.za

**AMAXESHA OKUSEBENZA: ngoMvulo - ngoLwesihlanu 08:30 – 16:00**

**Iinkcukacha zoqhakamshelwano zeSebe, iinkalo zeenkonzo kwakunye neShedyuli Yemigangatho Yeenkonzo ziyafumaneka apha: westerncape.gov.za/dept/social-development**

## Uxanduva lwethu kuwe

- Kukuhlala sithe qwa futhi sisebenza ngentobeko.
- Kukubonisana nawe ngezidingo zakho nokweenkonzo.
- Kukunikezela iinkonzo ezichanekileyo nezisemgangathweni.
- Kukuphendula ngendlela evulelekileyo kwisicelo sakho seenkcukacha.
- Kukusebenzela ukunikezela iinkonzo ezilifaneleyo ixabiso lazo.
- Kukusebenza ngeenkcukacha zakho ngeyona ndlela iyimfihlo.
- Kukulungisa apho iinkonzo ezithe zaphelelwa lixesha.
- Siyithiyile impatho-mbi, ukusebenzisa gwenxa, ubuqhophololo nokungaziphathi ngendlela.
- Kukuphendula kuyo yonke imibuzo ngokwale nombolo yomnxeba isimahla ingu-0800 220 250 kwisithuba seentsuku ezilishumi apho kudingeka ukuba umbuzo lowo udluliselwe kwabo bafanelwe kukuza nempendulo.

## Uxanduva lwakho kuthi

- Kukunikezela ingxelo ngempatho-mbi kubantwana, amanina, kwiinkonde neenkondekazi kwanakubantu abaphila nokukhubazeka, ndawonye nobuqhophololo nokungaziphathi ngendlela kubasebenzi.
- Kukuthobeka, ukuziphatha nokuba nentlonipho.
- Kukusinika iinkcukacha ezipheleleyo nezichanekileyo kunye/okanye nawaphi na amaxwebhu anokuthi adingeke.
- Kukunyaniseka kwiingxoxo zakho nathi.
- Kukufikeleleka ze ufune ukuthabatha inxaxheba kwiinkqubo zentsebenziswano ekuvunyelwene ngazo.
- Kukunikezela izimvo ngamacebo okuphuculwa kwenkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo.

**IZIMVO ZAKHO ZIBALULEKILE KUTHI:**

Uyamenywa ke ngoko ukuba uthumele kuthi iimbono, izincomo, nayiphi na imibuzo kunye/okanye nezigxeko ezakhayo ongabe unazo:

- Usebenzise iinkcukacha zoqhakamshelwano ezidweliswe ngentla apha.
- Okanye ke ungazifaka nakwiibhokisi zeembono ezifumaneka kwii-ofisi zethu.
- Sizinikele ekuphenduleni yonke imibuzo/izikhalazo ezibhalwe phantsi kwisithuba seeyure ezingama-48.
- Ukuba sithi singabi nakho ukuyiphendula imibuzo yakho ebhalwe phantsi ngoko nangoko, siya kukunika igama lalowo uya kudluliselwa kuye umbuzo lowo ze sikunike nentelekelelo yokuba ungayilinda nini na impendulo.

**INDLELA YOKUFAKA ISIKHALAZO:**

- Tyelela okanye uqhakamshelane neyona ofisi yethu ikufutshane nawe ze uncokole negosa lononophelo lwabaxhamli.
- Tsalela inombolo yethu engahlawulelwayo 0800 220 250.
- Siya kukunika inombolo yoko ukuba uthi usitsalele kule nombolo ingahlawulelwayo ngenjongo yokulandelela nawuphi na umba othi uphakanyiswe kuthi.
- Okanye ke usithumelele i-email kule dilesi SD.CustomerCare@westerncape.gov.za .

URhulumente weNtshona Koloni
NGOWAKHO
UPhuhliso loLuntu

**ISINIKEZELO ESISUKA KUSOMAQHUZU:**

Mna, Sharna Fernandez, ndinikela iSebe Lophuhliso Loluntu ekuthobeleni le Tshata Yokuhanjiswa Kweenkonzo ngokwemigaqo Yemimiselo Yokuhanjiswa Kweenkonzo ka-2016, Isigaba III, amacandelo 36(f) no-37.

**Nksk. S. Fernandez**
**UMPhathiswa wePhondo: UPhuhliso loLuntu**
**Februwari 2022**